**Isivumo**

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

**Imifanekiso**

Imibulelo ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efumaneka kule ncwadi.

**Eminye imifanekiso**

Zinelda McDonald: amaphepha 2–7 nelama-75; Nelri Malan: amaphepha 8, 17, 19, 34, 60; Jiggs Snaddon-Wood: amaphepha 23, 49; Alex Latimer: amaphepha 54–59, 77, 86.

**Cover**

Anja Stoeckigt

**Iikhredithi zeefoto**

Iphepha 43: Paul Weinberg (Nelson Mandela voting at the 1994 elections); iphepha 47: South Africa History Online (Charlotte Maxeke as a young woman); iphepha 69: Bernard DUPONT (mongoose and hippo); Francesco Veronesi (vulture); ERIK KILBY (tortoise); Zeynel Cebeci (rat); Gwendolen (baboon); iphepha 80: jbdodane (Orange River); iphepha 82: Aliwal2012 (Gariep Dam); iphepha 83: water.alternatives (Katse Dam); iphepha 89: JacoRoselt (hydro power plant); iphepha 94: Comingio Merculiano (octopus); iphepha 97: Katsushika Hokusai (The Great Wave painting); iphepha 112: bernidup (leopard tortoise); iStock: iphepha 64: jxfzsy (silk worms on leaf), iphepha 81: Ultima_Gaina (river running into the sea), iphepha 84: Merrillie (earth dam).

Yonke eminye imifanekiso ebonelelwe ngokusetyenziswa kwepremium ngu-**Freepik**, **Rawpixel** kunye no-**Pexels**.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-991225-14-6

Version 2: 2024

Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo:
*Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi Yomfundi Yomsebenzi, Ibakala 2, Ikota 2, CC BY 4.0.*

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/

# Isiqulatho


| | | |
|---|---|---|
| Iveki yoku-1 | Amaxesha onyaka | 1 |
| Iveki yesi-2 | Amaxesha onyaka | 17 |
| Iveki yesi-3 | Amaxesha onyaka, izityalo nezilwanyana | 27 |
| Iveki yesi-4 | Amaxesha onyaka, izityalo nezilwanyana | 43 |
| Iveki yesi-5 | Izilwanyana – ezasendle nezimbuna | 53 |
| Iveki yesi-6 | Izilwanyana – ezasendle nezimbuna | 69 |
| Iveki yesi-7 | Izidalwa ezihlala emanzini | 79 |
| Iveki yesi-8 | Izidalwa ezihlala emanzini | 94 |
| Iveki ye-9 | Amakhaya ezilwanyana | 101 |






Kusentwasahlobo!

Umoya ufudumele – mmmmmm!

Iimini zinde, ubusuku bufutshane.

Amagqabi amatsha ayakhula,

Amantshontsho ezilwanyana ayazalwa.

Kusentwasahlobo!



Kusehlotyeni!

Umoya ushushu – yhuu!

Iimini zinde, ubusuku bufutshane.

Amagqabi aluhlaza,

Izilwanyana ziyakhula.

Kusehlotyeni!



Kusekwindla!

Umoya upholile – shuuu!

Iimini ziya zisibamfutshane,
ubusuku buya busibabude.

Amagqabi ayeminye imibala, ayawa.

Izilwanyana zilungiselela ukulala.

Kusekwindla!



Kusebusika!

Umoya uyabanda – qhaqhazela!

Iimini zimfutshane, ubusuku bude.

Amagqabi awekho.

Ezinye izilwanyana zilele.

Kusebusika!



Amaxesha onyaka amane!

Onke ohlukile.


Siyawathanda onke.

Intwasahlobo! Ihlobo!
Ukwindla! Ubusika!


Amaxesha onyaka amane!




# Kutheni sinamaxesha onyaka?



Sinamaxesha onyaka awohlukileyo ngenxa yomhlaba ojikeleza ilanga. Umhlaba uthatha unyaka omnye ukujikeleza ilanga.





Yonke imihla umhlaba ujikeleza kube kanye. Oku kubangela ukuba kubekho imini nobusuku.
Iindawo zeplanethi ezahlukileyo ziba kufuphi nelanga ngamaxesha ahlukileyo.




Okukhona indawo emhlabeni isondele elangeni, kukhona ibashushu ngakumbi.
Njengoko umhlaba ujikeleza, kusehlotyeni kwisiqingatha somhlaba esikufuphi nelanga, logama kwesinye isiqingatha somhlaba kusebusika.

UMHLA ____________________

# dl
# ny



isidlele



unyawo



isibhedlele



umnyiki



isidlo

i-nya-ma  ____________________


i-dle-lo  ____________________

i-nyo-ka  ____________________

Abadlali babone inyoka edlelweni.

UMHLA ______________________________





**Phawula igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.**

1. Usana loyika
✔ inyoka
○ inja



2. Umdlali ukruneke wadumba
○ isandla
○ unyawo



3. Usisi uneqhakuva
○ esidleleni
○ esandleni



4. UMxolisi ukhaphela iinkomo
○ ebuhlanti
○ edlelweni



5. ULulama uyayithanda ____________ etyebileyo.
○ inyama
○ isonka



6. Abantu abagulayo basiwa
○ edolophini
○ esibhedlele



7. Sifike kutyiwa ____________ sasemini.
○ isidlo
○ amasi



8. Eli pere libolile ndibona
○ imbovane
○ imibungu



UMHLA ______________________________

# Imaxesha onyaka kwihlabathi jikelele



Xa kusehlotyeni kwisiqingatha somhlaba esiseMazantsi, kusebusika kwisiqingatha somhlaba esiseMantla.

**Leliphi ixesha lonyaka kwisiqingatha somhlaba esiseMazantsi nakwisiqingatha somhlaba esiseMantla ngoku?**

UMHLA ____________________



# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye. Phawula igama ophele kulo.**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| amagama | abanye | abazali | amandla | aboni |
| bhaka | akeva | ancume | babona | bahlala |
| bhaxa | avuma | besiva | emotweni | batyala |
| bobabini | baleka | ethetha | ifikile | cheba |
| bulisa | epakini | ezama | ingaba | cima |
| chatha | halala | ezelwe | ingubo | funda |
| fumana | idama | indlovu | ingxolo | ibhere |
| iminwe | impilo | isepha | isantya | ifama |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo: ____________



# Ukufunda ngababini



Kusentwasahlobo!
Umoya ufudumele – mmmmmm!
Iimini zinde, ubusuku bufutshane.
Amagqabi amatsha ayakhula,
Amantshontsho ezilwanyana
ayazalwa.
Kusentwasahlobo!

**Injani imo yezulu entwasahlobo?**

Kusehlotyeni!
Umoya ushushu – yhuu!
Iimini zinde, ubusuku bufutshane.
Amagqabi aluhlaza,
Izilwanyana ziyakhula.
Kusehlotyeni!




**Anjani amagqabi emithi ehlotyeni?**



UMHLA ____________________

# Akhula njani ama-apile?

**Ebusika**




Umthi wama-apile uyaphumla. Awunamagqabi kodwa kukho amathupha. Amathupha aza kukhula abengamagqabi okanye iintyatyambo.

**Entwasahlobo**




Kukhula amagqatyana asabuhlaza kuvuleka neentyatyambo ezimhlophe. Iinyosi ziza kwiintyatyambo. Umungu uncamathela emilenzeni yazo, zize ziwuse kwezinye iintyatyambo ezithi zikhule zibe yimbewu.

**Ehlotyeni**



Imbewu ikhula ibe li-apile. Le ndawo ingaphandle iyathamba ibeswiti. Umphakathi uba ngoyena ndoqo we-apile.

**Ekwindla**



Ama-apile ayavuthwa nabantu bangawakha. Sitya le ndawo ingaphandle. Sinakho ukutyala imbewu ukuze kukhule eminye imithi emitsha yama-apile.

UMHLA ______________________

# tw



emotweni



tweza



twabulula



emotweni

i-twe-ze-ki-le  ______________________


twa-bu-lu-la  ______________________

e-fo-twe-ni  ______________________

Umntwana utwabulula iwulu emotweni.

# Ixesha lemithi yama-apile


**Beka imifanekiso ngokulandelelana.**
**Gqibezela isivakalisi.**



E ___
iziqhamo ziqalisa ukukhula.



E ___
imithi yama-apile iyaphumla.



E ___
ama-apile alungele ukutyiwa.



E ___
iinyosi ziza kwiintyatyambo zama-apile.

UMHLA ______________________

# Usasazo lwembewu



Iinyosi zibalulekile kusasazo lwembewu yezityalo. Iinyosi zidlulisela umungu phakathi kwezityalo ukuze ikhule imbewu neziqhamo.

**Zeziphi ezinye izinambuzane ezinokunceda ekusasazeni imbewu kwizityalo?**

UMHLA ______________________

# ngc



ingca



iingcambu



iingceba



ingcongconi

ii-ngco-ngo-lo  ______________________

i-ngci-bi  ______________________

i-ngcu-ka  ______________________

Ingcongconi ithe ngcu engceni.

UMHLA ____________________



# Misa igama ngendlela efanelekileyo.



1  zatwe tweza

2  izetwekile ____________________

3  ingconingco ____________________

4  iindongco ____________________

5  etwemoni ____________________

6  iimbungca ____________________

7  ibingci ____________________


8  emtshanitwe ____________________



UMHLA ______________________

# Ingqiqo

**Funda umbongo othi, Amaxesha onyaka amane.**



1 Amaxesha onyaka amane ngala ______________ ,

______________ , ______________ ne ______________ .

2 Gqibezela itheyibhuli.

| | Umoya u... | Amagqabi a... | Izilwanyana zi... |
| --- | --- | --- | --- |
|  **Entwasahlobo** | | | |
|  **Ehlotyeni** | | | |
| **Ekwindla**  | | | |
|  **Ebusika** | | | |

UMHLA ______________________________



# Ukufunda ngababini



Kusekwindla!
Umoya upholile – bhrrrrrr!
Iimini ziya zisibamfutshane,
ubusuku buya busibabude.
Izilwanyana zilungiselela ukulala
Kusekwindla!

? **Kutheni kusibamnyama msinyane ekwindla?**

Kusebusika!
Umoya uyabanda!
Iimini zimfutshane, ubusuku bude.
Amagqabi awekho.
Ezinye izilwanyana zilele.
Kusebusika!



? **Zeziphi iimpahla othanda ukuzinxiba ebusika?**

 ______________________________

# Umlilo ebusika



Kwakusebusika. USipho noAmosi babegodola iinyawo. Kwakungekho mvula. Yonke ingca yayomile.

UYakobi wathi kuSipho makabase umlilo engceni.
USipho wawubasa umlilo engceni.

Umoya wawenza mkhulu umlilo. Abaleka amakhwenkwe.

Ootitshala bakhwaza. “Jongani! Kuyatsha!”
USipho noAmosi babesoyika.





Ekhayeni umakhulu wathi, “Kutheni ukhangeleka wothukile nje?”

“Akukho nto imbi,” watsho uSipho.
Wajonga phandle uSipho. Wabona umsi omninzi.





USipho wavuswa ngumoya ebusuku.
UMaZaca wakhwaza wathi, “Ncedani! Ncedani!
Umlilo! Ncedani iinkomo zam!”

USipho wabaleka waya esangweni likaMaZaca.
Wakhupha iinkomo. Zabaleka umlilo.

USipho wabona ingca itshe yonke. Iinkomo zazingenayo ingca yokutya.

UMaZaca wathi, “Iinkomo zam azinanto yokutya, kodwa azitshanga ngenxa yale nkwenkwe iligorha!” Umakhulu wazingca kakhulu ngoSipho.






Kodwa uSipho wayeneentloni. Wajonga izinto ezazitshiswe ngumlilo.

Wayenethemba lokuba umakhulu wayengazi ukuba nguye owayebase umlilo.

UMHLA ____________________

# Yintoni edingwa zizityalo ukuze zikhule?

Njengawe, izityalo zidinga ukutya, amanzi, ukufudumala nendawo eyaneleyo. Xa zinezi zinto, zikhula kakuhle.




**Leliphi elona xesha lonyaka lilungele ukukhulisa izityalo?**

- Ingaba onke amaxesha onyaka afudumele ngokwaneleyo?
- Ingaba onke amaxesha onyaka anokukhanya kwelanga okwaneleyo?
- Ingaba onke amaxesha onyaka anamanzi nemvula eyaneleyo?

UMHLA ______________________

# Umfuniselo:

## Singakhula na isityalo kwindawo ebandayo?

### Udinga ntoni?



iisosara ezi-2



itawuli yephepha okanye iphepha lendlu yangasese



iimbewu zikajongilanga ezimbalwa



amanzi


### Yintoni ekufuneka uyenze?

1. Beka itawuli yephepha kwiisosara.
2. Manzisa iphepha ngobunono.
3. Beka iimbewu kwisosara nganye.
4. Beka isosara enye elangeni. Beka enye isosara kwindawo ebanda njengefriji.
5. Nkcenkceshela zombini iisosara yonke imihla. Ungazenzi zibemanzi kakhulu.
6. Jonga imbewu ukuba iyakhula na yonke imihla.

### Yintoni eyenzekayo?


Ngaba izityalo zikhula ngokukhawuleza kwindawo ebandayo njengaselangeni ?

Ngaba izityalo zikhula ngokukhawuleza ebusika njengasehlotyeni?



UMHLA ____________________

**Phawula igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.**



1 __________ ugweba isela.
- ✔ umgwebi
- ○ nenkomo



2 Umama ubhaka
- ○ amarhewu
- ○ amagwinya



3 Umama ugalela
- ○ igwele
- ○ inyongo




4 Utatomkhulu une
- ○ zigweqe
- ○ mali



5 Isepha yenza
- ○ ukutya
- ○ ugwebu



6 Umakhulu utshaya
- ○ igwada
- ○ inyongo



7 USipho uyawoyika umlo,
- ○ likroti
- ○ ligwala



8 ULizo ubona
- ○ ikati
- ○ isagwityi



UMHLA ______

# Ziyaphi iintaka ebusika?



Ekwindla udla ngokubona iinkonjane zihleli ezingcingweni ezisecaleni kwendlela. Zilungiselela ukubhabha ziye kwindawo efudumeleyo.

**Ziyaphi iinkonjane ebusika?**

UMHLA ______________________



# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye. Phawula igama ophele kulo.**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| khona | kwezi | nguye | hlala | zonke |
| yonke | ipere | xhuma | ifoto | ixabiso |
| mhlophe | intlanzi | umbalisi | uluso | watya |
| vuthela | khangela | mhlawumbi | memeza | umvundla |
| hambisa | iqhosha | wahleka | impahla | wacinga |
| unyawo | intaka | edolophini | ebhedini | waqonda |
| izilwanyana | ekhohlo | baninzi | elandelayo | inyanga |
| ucango | utatomkhulu | udyakalashe | ngqukuva | ngaphaya |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo: ____________

UMHLA ______________________________



# Ukufunda ngababini



Kwakusebusika. USipho noAmosi babegodola iinyawo.
Kwakungekho mvula.
Yonke ingca yayomile.
Bacinga icebo.

**Ingaba uyabuthanda ubusika? Ngoba kutheni?**

UYakobi wathi kuSipho makabase umlilo engceni.
USipho wawubasa umlilo.
Umoya wawenza mkhulu umlilo.
Wavutha wamkhulu umlilo. Abantu bakhwaza, "Jongani! Kuyatsha!"
USipho noAmosi babesoyika.




**Kwakutheni ukuze umlilo ukhawuleze ukuba mkhulu?**



______________________________

UMHLA ______________________

# USuku lweNkululeko



USuku lweNkululeko lusuku olukhethekileyo eMzantsi Afrika. Ngolu suku sikhumbula unyulo lokuqala lwedemokhrasi eMzantsi Afrika. Yayikokokuqala kubantu abaninzi baseMzantsi Afrika ukuba bavunyelwe bavotele abantu ababafunayo kurhulumente. Kwiindawo ezininzi kwakukho imigca emide, kodwa abantu balinda ngomonde. Umongameli uNelson Mandela wonyulwa njengomongameli wokuqala wedemokhrasi woMzantsi Afrika.
Ngomhla wama-27 kuTshazimpuzi sikhumbula lo msitho ukhethekileyo, kwaye le holide siyibiza ngokuba luSuku lweNkululeko.


UMHLA ______________________

# nq



inqanawa








inqindi amanqina umnqathe

i-nqa-ku




______________________

i-nqa-wa



______________________

um-nqo-nqo



______________________

Inqununu inike abafundi amanqaku amahlanu.

UMHLA ______________________________

# Konke okumalunga noSuku lweNkululeko

Kwenzeka ntoni ngelama-27 kuTshazimpuzi wonyaka we-1994?

Silubhiyozela nini uSuku lweNkululeko?

Ngubani owaba ngumongameli wokuqala woMzantsi Afrika ngonyaka we-1994?

Kwakutheni ukuze unyulo ngolo suku lwahluke?

UMHLA ______________________

# Abalweli benkululeko abadumileyo baseMzantsi Afrika




UCharlotte Maxeke wayeyinkokeli eyayisebenzela inkululeko yabantu abamnyama baseMzantsi Afrika. Ngamanye amaxesha ubizwa ngokuba nguMama weNkululeko yabaNtsundu. Izitalato ezininzi, izibhedlele nezikolo zaseMzantsi Afrika zithiywe ngaye.

**Ngabaphi abantu abadumileyo ababesebenzela inkululeko abazalelwa kwiphondo lakho?**

UMHLA ____________________

# ngq



ingqiniba



ingqithi




ingqayi



ngqusha

i-go-ngqo  ____________________


i-sa-ngqa  ____________________

um-ngqu-sho  ____________________

UNqaba ungqube ingqiniba yakhe.

UMHLA ______________________


# Misa igama ngendlela efanelekileyo.




1  ingqogo — igongqo

2  umshongqu ______________

3  indongqo ______________

4  ingqasa ______________

5  inibangqi ______________


6  ithingqi ______________

7  iyingqa ______________

8  shangqu ______________



**UMHLA** ____________________



# Ingqiqo

**Funda ibali elithi, Umlilo ebusika.**



1 UYakobi wathi makenze ntoni uSipho? ____________________

____________________

2 Tshatisa ixesha losuku nezinto awazenzayo uSipho.

Esikolweni

Ukuphuma kwesikolo

Ebusuku

Ngentsasa elandelayo

Wabasa umlilo engceni

Wakhupha iinkomo

Waziva esoyika ukuba umakhulu uzakuyazi

Waziva ekhathazekile ngomlilo



3 Gqibezela itheyibhuli.

| | Ngexesha lomlilo | Emva komlilo |
|---|---|---|
| **UMaZaca** | | |
| **USipho** | | |



# Ukufunda ngababini



Ekhayeni uMakhulu wathi, “Kutheni ukhangeleka wothukile nje?”
“Akukho nto imbi?”
USipho wajonga phandle wabona umsi omninzi.

**Ingaba umlilo unobungozi? Njani?**

UMaZaca wakhwaza wathi,
“Ncedani! Ncedani! Umlilo!
Ncedani iinkomo zam!”
USipho wabaleka waya esangweni likaMaZaca. Wakhupha iinkomo.




**Wabaluncedo njani uSipho?**



______________________




# Indlela uQwarhashe awayifumana ngayo imigca yakhe



Kudaladala, uQwarhashe wayenesikhumba esimenyezelayo esimnyama, esasibengezela oku kwedayimani elangeni.

Abazingeli belali ekufutshane babefuna ukumenza mbuna.

Bathi, “Abanye abantu belali baza kusimonela. Masimbambe simbophelele!”



UQwarhashe wabaleka waya kuzimela kwingca ende emhlophe, kodwa abazingeli bamleqa.


Wazimela phakathi kwemithi, kodwa abazingeli bamleqa.





UQwarhashe wabaleka wabaleka wafika kwindawo evulekileyo.

Wabona imbiza yepeyinti emhlophe.
Waze wathi, “Ndiza kupeyinta isikhumba sam ukuze abazingeli bangacingi ukuba ndimhle.”



UQwarhashe wakhaba ibhakethi lepeyinti.

Waziqengqa sade isikhumba sakhe sagqumeka yimigca yepeyinti emhlophe.



“Ndimnyama namhlophe ngoku! Ndiyakwazi ukuzimela emithini nasengceni! Abazingeli abasokuze bandibone!” watsho uQwarhashe.

Wathi akuva abazingeli besiza wema ngxi. Bacinga ukuba ngumthi bahamba.




Yiyo lonto namhlanje onke amaqwarhashe enesikhumba esinemigca emnyama nemhlophe.

# Iimveliso zezilwanyana zasefama



## Tshatisa izilwanyana zasefama kunye neemveliso




Inkomo isinika ______

Inkukhu isinika ______

Igusha isinika ______

Inyosi isinika ______


**Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.**



1 Usisi ucheba uBaleka ii________

✔ nzipho

○ inwele



2 Lixesha lokuphuma

○ lenkomo

○ labasebenzi



3 Utyiwa zizihlangu kuba zinkulu ________ zakhe

○ iinzwane

○ izandla



4 Utatomkhulu ufuye ________ yenkomo

○ ithole

○ inkunzi



5 ULulama ubethe uLona

○ ebunzi

○ esandleni



6 Mihle ________ kaVuyolwethu

○ iminwe

○ imilenze



7 Kubalulekile ukusela ________ rhoqo.

○ amanzi

○ amasi



8 USipho uyasindwa kuba le nto ayiphetheyo

○ ibomvu

○ inzima




# Ukufuya imibungu yesilika



Imibungu yesilika zizilwanyana zasefama. Emva kokuba iqanduselwe emaqandeni, iyatya ize ikhule. Emva koko, ijikelezisa umcwe omnye omde kakhulu wesilika ukuze yenze iqokobhe. Le silika iyaconjululwa ize ilukwe ibe lilaphu lesilika.

**Kwenzeka ntoni kumbungu wesilika ngaphakathi kweqokobhe?**

ABC UMHLA ______________________



# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye. Phawula igama ophele kulo.**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| indalo | nguye | vuthela | zonke | hlala |
| isandla | xhuma | hambisa | ixabiso | ifoto |
| khetha | udyakalashe | unyawo | ngaphaya | ngqukuva |
| nantsi | umbalisi | ipere | watya | ulusu |
| nathi | mhlawumbi | utatomkhulu | umvundla | memeza |
| ngoku | wahleka | intlanzi | wacinga | impahla |
| njalo | edolophini | khangela | waqonda | ebhedini |
| phakama | baninzi | iqhosha | inyanga | elandelayo |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo: ______________

UMHLA ______________________



# Ukufunda ngababini



Kudaladala, uQwarhashe wayenesikhumba esimenyezelayo esimnyama. Esi sikhumba sasibengezela oku kwedayimani elangeni. Abazingeli belali ekufutshane babefuna ukumenza mbuna.

**Ingaba sikhona esinye isilwanyana esimnyama osaziyo?**

UQwarhashe wabaleka waya kuzimela kwingca ende emhlophe, kodwa abazingeli bamleqa. Wazimela phakathi kwemithi, kodwa abazingeli bamleqa.



**Angazimela phi uQwarhashe?**



______________________

UMHLA ____________________

# Ukuhlala uphilile

## Izilwanyana ezitya inyama






Izilwanyana ezitya inyama zitya ezinye izilwanyana. Zitya izilwanyana ezanyisayo, iintlanzi, iintaka, izinambuzane, amasele, iinyoka nezinye izilwanyana.

## Izilwanyana ezitya izityalo






Ezi zilwanyana zitya izityalo kuphela. Zitya ingca, amandongomane, imbewu, iintyatyambo, iziqhamo nemifuno.


## Izilwanyana ezitya inyama kunye nezityalo






Ezi zilwanyana zitya inyama kunye nezityalo. Oku kunokuba yindlela elungileyo yokuhlala uphila. Ukuba azinako ukuyifumana inyama, zinokutya izityalo endaweni yoko.

# gx



igxalaba



igxamesi



ulugxa



umgxobhozo

u-ku-gxe-le-sha 

i-gxi-ya 

gxi-di-ka 

UXolisa ugxeleshe igxiya emgxobhozweni.

UMHLA

# Izilwanyana zasendle zaseMzantsi Afrika


Ingwenkala


Isele lasezingcongolweni

**Zifana ngantoni ezi zilwanyana?**



Ihashe laselwandle laseKnysna


Ixhalanga laseKapa

UMHLA ____________________



# Izivakalisi ezixuba-xubeneyo



**Misa izivakalisi ngendlela efanelekileyo ukuze ufamane ulwazi malunga neenkukhu.**

1 Isikhukukazi kangangeentsuku ukuwagcina ezingama-21 kwamaqanda sihlala phezu efudumele.

______________________________

______________________________.

2 kumaqanda. akhula ngaphakathi
Amantshontsho enkukhu

______________________________

______________________________.

3 yophula leqanda ngomlomo wayo.
Inkukhu xa iqanduselwa iqokobhe

______________________________

______________________________.

4 enkukhu okanye amdaka ngebala.
Amantshontsho amthubi

______________________________



______________________________.

# Ungoyiki


**Funda umbongo uze uthethe ngokoyika.**



Ngenye imini ndabona ingonyama enoboya.
Yashukumisa isingci sayo yandijonga.
Ndandisoyika, ndaqalisa ukulila.
Yaze yathi ingonyama kum,
“Musa ukoyika,
ntombazana encinane.
Ndiyabuthanda uboya bam, njengokuba
nawe uzithanda iinwele zakho.
Ukuba awundenzakalisi,
andizukukwenzakalisa!”
Ngoku mna nengonyama singabahlobo.



UMHLA ______________________



# Ingqiqo

**Funda Indlela uQwarhashe awayifumana ngayo imigca yakhe.**
**Phawula impendulo echanekileyo.**



1 Kudaladala, uQwarhashe waye ______________

- ○ mhlophe
- ○ nemigca
- ○ mnyama

2 Abazingeli babefuna ukubamba uQwarhashe kuba

- ○ wayemhle
- ○ babefuna ukumdla
- ○ abanye abantu belali babeza kubamonela

3 Ngubani owayenecebo lobulumko?

- ○ Ilovane
- ○ UQwarhashe
- ○ Abazingeli

4 Lalithini icebo lobulumko?

______________________________________________

5 Ngaba uyayithanda indlela akhangeleka ngayo amaqwarhashe ngoku? Ngoba?

______________________________________________

______________________________________________



UMHLA ______________________________



# Ukufunda ngababini



UQwarhashe wabaleka wabaleka.
Wafika kwindawo evulekileyo.
Wabona imbiza yepeyinti emhlophe.
“Ndiza kupeyinta isikhumba sam
ukuze abazingeli bangacingi ukuba
ndimhle.”

**? Sesiphi esinye isilwanyana osaziyo esinombala omhlophe?**

“Ndimnyama namhlophe ngoku!
Ndiyakwazi ukuzimela emithini
nasengceni!
Abazingeli abasokuze bandibone!”
watsho uQwarhashe.



**? Sesiphi isilwanyana sasendle osithandayo?**



______________________________

# Imilambo namadama



Umlambo iGqili

Umlambo ngamanzi amaninzi endalo, ahamba phezu komhlaba. Imilambo izisa amanzi acocekileyo ebantwini, kwizityalo nakwizilwanyana kuwo wonke umHlaba.




Umlomo womlambo

UMzantsi Afrika unemilambo emikhulu kumaphondo amaninzi. Eminye yemilambo emikhulu iqukuqelela kuLwandlekazi lwe-Indiya. Eminye imilambo iqukuqelela kuLwandlekazi lwe-Atlantiki. Eminye imilambo iqukuqelela kweminye imilambo.



Idama iGariep

UMzantsi Afrika awufumani mvula ingako. Amadama agcina amanzi ukuze abantu nezilwanyana zibe namanzi awoneleyo okusela, okunkcenkceshela izityalo, nokugcina imizi-mveliso iqhubeka.




Amadama aneendonga zesamente ezakhiwe zanqamleza imilambo.
Amadama agcina amanzi acocekileyo emva kodonga lwedama ukuze uluntu lungaphelelwa ngamanzi.





Idama lomhlaba

Amadama amakhulu abonelela izixeko ezikhulu ngamanzi. Ixesha elininzi la madama akhiwa kwimilambo emikhulu. Abalimi bakwakha amadama amancinane omhlaba okunkcenkceshela izityalo kwiifama zabo.



Intlango iSahara

Kungaba sentlango eMzantsi Afrika ngaphandle kwemilambo namadama. Besingeke sikwazi ukuhlala okanye okuphila apha ngaphandle kwamanzi.

# Izidalwa ezihlala emanzini acocekileyo



Izixwila zihlala kufuphi namanzi. Zitya iintlanzi, oononkala, amasele kunye nezinambuzane. Zintywila emanzini ukubambisa ixhoba.


Iingwenya zitya ezinye izilwanyana. Azidingi ukuba zitye yonke imihla. Ezinye iingwenya zitya kanye ngenyanga.

Oohlabamanzi batya izinambuzane. Bona batyiwa ziintaka namasele.

Iintini ziyalitsibela ixhoba ukuze zilibambe, emva koko zidade ziye kutyela elunxwemeni. Zibambisa iintlanzi, amasele, oononkala kunye nemibungu.

Oonojubalala baphila kwaye baphefumla emanzini. Amasele aphefumla umoya, kwaye angaphila emhlabeni okanye emanzini. Atya izinambuzane.

Iintlanzi ezincinci zitya izinambuzane kunye nezidalwa ezincinci ezifana nee-shrimp. Iintlanzi ezinkulu zitya iintlanzi ezincinci.



**Phawula igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.**



1 ______ ukhonya qho ekuseni.

✔ umqhagi

○ umlozi



2 Umama uthwele ______ entle.

○ ilokhwe

○ iqhiya



3 Qhobosha ______ ehempe yakho.

○ amaqhosha

○ izandla



4 UChuma unxibe ihempe kunye ______ .

○ nethole

○ neqhina



5 ULulama uvimbe uLona ______ .

○ amaqhashu

○ amafutha



6 ______ uqhuba imoto entsha.

○ umntwana

○ umqhubi



7 Sifike kutshixwe ______ elikhulu.

○ ngeqhaga

○ ntambo



8 Andiyithandi ikomityi eyophuke ______ .

○ umlomo

○ umqheba



UMHLA ______________________


# Amandla amanzi



Umbane unokwenziwa ngokuthi kusetyenziswe amandla amanzi aphuma edamini. Amanzi ajikelezisa amavili amakhulu abizwa ngokuba ziinjini zamanzi. Iinjini zamanzi ezijikelezayo zenza oomatshini ababizwa ngokuba ziijenereyitha, ezenza umbane.

**Ngawaphi amadama akumlambo iGqili asetyenziselwa ukuvelisa umbane?**

UMHLA ____________________






# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye. Phawula igama ophele kulo.**


| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| lwakhe | izinyo | ilanga | jikeleza | phuma |
| ngoko | iziqhamo | imbewu | lumka | sethu |
| ugqiba | latsho | imilenze | misa | suka |
| ukuya | rhoqo | indawo | qhekeza | thetha |
| ukwenza | sithe | iqanda | qhuba | thina |
| uloliwe | thenga | ithole | ufuna | ubusuku |
| uncedo | thenga | phatha | ujingi | ulwimi |
| unyana | ukufika | umlomo | uyoyika | usela |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo: ____________



UMHLA ______________________________

# Ukufunda ngababini



Umlambo ngamanzi amaninzi endalo, ahamba phezu komhlaba. Imilambo izisela abantu, izityalo nezilwanyana amanzi acocekileyo kuwo wonke umhlaba.

**Ingaba asuka phi amanzi asemlanjeni?**



UMzantsi Afrika awufumani mvula yaneleyo. Amadama agcina amanzi ukuze abantu nezilwanyana zibenamanzi awoneleyo okusela, okunkcenkceshela izityalo, nokugcina imizi-mveliso iqhubeka.



**Anceda entwenini amanzi omlambo?**





______________________________

UMHLA ____________________



# Amanqaku amangalisayo ngezidalwa zaselwandle

| | Apho ihlala khona | Intoni eyityayo | Amanqaku amangalisayo |
|---|---|---|---|
| Ingwane  | Elwandle, kumaqula amatye nakwiikhoral rifu (i-*coral reefs*) | Iintlanzi ezincinci, oononkala nezinye izidalwa zaselwandle. Zizilwanyana ezitya inyama. | Iingwane zineentliziyo ezintathu negazi elizuba. |
| Ukrebe  | Enzulwini yolwandle | Iintlanzi, iskwidi kunye nabanye ookrebe. Zizilwanyana ezitya inyama. | Ookrebe bangeva ivumba lethontsi elinye legazi kwiqula lokuqubha. |
| Intlanzi eyinkwe-nkwezi  | Kumaqula amatye nakwiikhoral rifu (i-*coral reefs*) | Iimbaza, iimbatyisi kunye nokhula lwaselwandle. Zizilwanyana ezitya inyama nezityalo. | Intlanzi eyinkwenkwezi ifumana ixhoba layo ngukusebenzisa isivo sayo sokujoja. |
| Unonkala  | Kumanxweme nakumaqula amatye | Izityalo ezincinci, iimbaza kunye nemibungu. Zizilwanyana ezitya inyama nezityalo. | Iqokobhe likanonkala ngamathambo akhe. |
| Umnenga  | Emanzini afudumeleyo asesanzulwini solwandle. Iza kumanxweme ebusika. | Iishrimp, iingwane, kunye nekrill. Ubukhulu becala zizilwanyana ezitya inyama. | Iminenga zezona zilwanyana zanyisayo zikhulu emhlabeni. |

# Ipowusta emalunga nezidalwa zaselwandle

**Yenza ipowusta neqela lakho.**




## Phawulani xa nigqibe icandelo ngalinye.

| | |
|---|---|
| **Phanda ngakumbi** malunga nezidalwa zaselwandle ezi-3. | |
| **Ceba ipowusta yakho.** Kufuneka ube: | |
| • nesihloko | |
| • nemizobo | |
| • nolwazi oluyinyani malunga nezidalwa zaselwandle ezi-3. | |
| **Yenza ipowusta yakho.** | |
| • Bhala isihloko. | |
| • Zoba imifanekiso yakho. | |
| • Bhala ulwazi lwakho oluyinyani. | |
| • Sebenzani kunye. | |
| **Bonisa ipowusta yakho.** Xhoma ipowusta yakho eludongeni lweklasi. | |


# Iilwandlekazi



Amanzi olwandle anetyuwa, kodwa iintlobo ngeentlobo ezininzi zezilwanyana zihlala kuwo. Ulwandlekazi lwahlulwe lwaba ziindawo ezintlanu eziphambili: iPasifiki, i-Atlantiki, i-Indiya, i-Aktiki kunye neelwandlekazi ezisemaZantsi.

**Zeziphi iilwandlekazi ezifumaneka kunxweme loMzantsi Afrika? Ingaba zikwiqondo lobushushu elifanayo?**

UMHLA ______________________



# Ukufunda ngababini



Izixeko ezikhulu zitsala amanzi kumadama amakhulu. Ixesha elininzi loo madama akhiwa kwimilambo emikhulu. Abalimi bakha amadama amancinane ukuze bankcenkceshele izityalo kwiifama zabo.

**? Zeziphi ezinye izinto abalimi abawasebenzisela zona amanzi?**




Kungaba sentlango eMzantsi Afrika ngaphandle kwemilambo namadama. Besingeke sikwazi ukuhlala apha ngaphandle kwamanzi.

**? Singawonga njani amanzi?**



______________________



# Amakhwenkwe, amantombazana nendlwane yeenkonjane




Amakhwenkwe afumana indlwane yeenkonjane phantsi kophahla esikolweni.

UYakobi wayigibisela ngamatye.

U-Amosi wagibisela ilitye. Labetha indlwane yeenkonjane. Kwawa phantsi iqhekeza lendlwane.




Iinkonjane zabhabhela kufuphi zikhala kakhulu.

ULindi wabangxolisa ngoba wayenomsindo.
U-Ayanda wayelila ngoba wayekhathazekile.

Waphuma utitshalakazi. Wayibona le nto yayisenziwa ngamakhwenkwe.

Wacaphuka kakhulu.

“Niyazi ukuba kutheni iinkonjane zizakhela iindlwane zazo kwiindonga zethu?” wabuza.

“Ziza kuthi kuba zifuna sizikhusele.”





“Umakhulu uthi iinkonjane zisizisela amathamsanqa,” watsho uSipho.

“Yinyani leyo,” watsho u-Ayanda, “kwaye kulilishwa ukuchitha indlwane yazo.”

U-Amosi waziva eneentloni. “Ndifuna ukuzikhusela iinkonjane,” watsho. “Ndicela uxolo kuba ndichithe indlwane yazo.”




Iinkonjane zathatha udaka ngemilonyana yazo zalungisa indlwane yazo.

Yonke imihla kusasa abantwana babebaleka baye kubona indlwane. Baxelela wonke umntu ukuba bangachithi indlwane.

Emva kweeveki ezimbini, abantwana babona iinkonjane zithatha iimbovane zizisa kwindlwane.

Ngexesha lekhefu u-Amosi wahlala ecaleni kwendlwane eyikhusela. Kwathi ngenye imini, amantshontsho enkonjane abhabha aphuma. Abantwana babenemincili.

ULindi wathi, “Uzikhathalele, ukuze ungabi namashwa.”



UMHLA ______________________



# Iinyosi nezindlu zazo





Iinyosi zisasaza imbewu yezityalo ezininzi esizidingayo njengokutya. Zihlala zingamaqela amakhulu, kwaye inyosi nganye inomsebenzi wayo.






Uninzi lweenyosi luhlala kwizindlu zeenyosi. Iinyosi zasendle zenza indlu yazo kwiindawo ezifana nemingxuma esemithini nasematyeni. Abafuyi beenyosi benza izisele zeenyosi ukuze bakwazi ukuvuna ubusi lula.



Eyona ndawo iphambili yendlu yeenyosi likhekheba lobusi, elenziwe likhaphela leenyosi. Iiseli zekhekheba lobusi lakhiwe oku kwemilo enamacala amathandathu. Iinyosi ezingabasebenzi zizalisa iiseli zekhaphela lobusi ngobusi. Inyosi engukumkanikazi ibeka amaqanda kwezinye zezi seli. Emva kweeveki ezimbini, amaqanda aqandusela iinyosi ezintsha.









**Phawula igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.**

1. ULiya utsala ______ zikaSiya.
   - ✔ iinwele
   - ○ mpumlo



2. ______ lujika-jika umbala.
   - ○ Udonga
   - ○ Unwabu



3. Musa ukunxiba ijezi encinci
   - ○ uyayinweba
   - ○ uyayicutha




4. Umntwana ucishilelwe ______ lucango.
   - ○ iinzwane
   - ○ iminwe



5. Sikhomba ______ omnye.
   - ○ ngomnwe
   - ○ ngomqala



6. Ndiphandlwe ______ yesigcawu.
   - ○ yisanti
   - ○ yinwebu



7. UNono ______ isandla kuba siyarhawuzela.
   - ○ uhlamba
   - ○ uzonwaya



8. Usapho lwam ______ isidlo sangokuhlwa.
   - ○ lupheka
   - ○ lonwabela



# Izilwanyana ezihamba namakhaya azo



Ufudo sisirhubuluzi esineqokobhe eliqinileyo kumqolo walo. Iqokobhe lofudo liqinile kwaye lomelele. Luyakwazi ukufihla intloko nemilenze ngaphakathi kulo xa lizikhusela. Luhamba ngokucotha kakhulu.

**Ingaba ufudo luphila ixesha elingakanani?**





UMHLA ______________________________



# Ingqiqo

**Funda ibali elithi, Amakhwenkwe, amantombazana nendlwane yeenkonjane.**



1 Nika amanani ezi ziganeko ngokulandelela kwazo.

- ☐ Amakhwenkwe agibisela amatye kwindlwane.
- ☐ Iinkonjane zakha indlwane esikolweni.
- ☐ U-Amosi wayikhusela indlwane.
- ☐ Iinkonjane zalungisa indlwane yazo.



2 Khangela amagama akuchazela iimvakalelo zabalinganiswa.

| | **Amagama achaza imvakalelo** |
|---|---|
| ULindi | |
| U-Amosi | |
| Utitshalakazi | |

3 Ngubani owathi kulithamsanqa ukuvumela inkonjane yakhe indlwane yayo endlwini yakho?

○ UYakobi ○ U-Ayanda ○ USipho ○ ULindi


______________________________

4 Ingaba uyavumelana nale nkolelo? ______________________________

______________________________

UMHLA ______________________





# Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

**Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye. Phawula igama ophele kulo.**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ukuya | rhoqo | indawo | qhekeza | thetha |
| ukwenza | sithe | iqanda | qhuba | thina |
| ululiwe | thenga | ithole | ufuna | ubusuku |
| lwakhe | izinyo | ilanga | jikeleza | phuma |
| ngoko | iziqhamo | imbewu | lumka | sethu |
| uncedo | thenga | phatha | ujingi | ulwimi |
| unyana | ukufika | umlomo | uyoyika | usela |
| ugqiba | latsho | imilenze | misa | suka |

Amagama awafunde ngokuchanekileyo: ______________



UMHLA ______________________________

# Ukufunda ngababini



Amakhwenkwe abona indlwane yeenkonjane phantsi kophahla lwesikolo. UYakobi wayigibisela ngamatye. U-Amosi wagibisela ilitye labetha indlwane yeenkonjane. Kwawa phantsi iqhekeza lendlwane.

**Wenza ntoni u-Amosi?**

Hayini, Hayini!
Iinkonjane zabhabhela kufuphi zikhala kakhulu.
ULindi wabangxolisa. U-Ayanda wayelila ngoba wayekhathazekile. Waphuma utitshala. Wayibona le nto yenziwa ngamakhwenkwe.



**Kutheni uLindi ebangxolisa nje?**



______________________________

IVEKI YESI-2

Amagqabi amatsha ayakhula.

Amantshontsho ezilwanyana ayazalwa.

IVEKI YOKU-1

Umoya ufudumele – mmmmmm!

Iimini zinde,

ubusuku bufutshane.

Iinkomo zam azitshanga

ngenxa yale nkwenkwe iligorha!

Kwakusebusika. USipho no-Amosi

babegodola iinyawo.

Waqengqeleka sade

isikhumba sakhe sagqumeka

yimigca yepeyinti emhlophe.

Imilambo izisa amanzi acocekileyo

ebantwini, kwizityalo kunye

nezilwanyana kuwo wonke umhlaba.

Amadama ziindonga zesamente

ezakhiwe zanqamleza imilambo

ukuthintela ukuhamba komlambo.

Amakhwenkwe afumana

indlwane yeenkonjane

phantsi kophahla esikolweni.

